



## Isikolo sasehlathini

Madhav Chavan and Meera  
Tendolkar  
isiXhosa

Kwakukho ihlathi elimnyama.





Yayilhlathi elikhulu elimnyama.

Kwakukho imithi emininzi nendlela emxinwa.

Izilwanyana ezininzi neentaka zazihlala apha.

Ngenye imin, zonke izilwanyana zadibana.

“Uvile?” wabuza uTota, isikhwenene.

“Ewe” watsho uHirni, ixhama.

“Intoni?” wabuza uDarpok, umvundla. “Sinesikolo ehlathini,”

Waphendula uZhoola, inkawu.

UMota, indlovu yamangaliseka, “Hmph?”  
uLambo, indlulamthi yathi, “Oo kulungile!”  
uDheema, inkumba yatswina, “Khawuleza,  
masihambe.





UTota, isikhwenene sabhabha phambili.

UZhoola, inkawu yatsiba emthini ukuya komnye umthi.

UPoorakha, irhamba larhubuluza ngokukhawuleza.

“Apha!” wakhwaza uTota. “Ungafunda?”

“Igqwethekile, ndiyacinga,” watsho uZhoola ejinga esebeni.

UPoorakha waqgibezela, “Si-i-i-i-i.

Akukho mntu unokufunda.”

Kwakamsinya, bonke abanye  
abahlobo baqhagamshelane nabo.  
ULamboojongana ngapha komthi.

“Akukho mntu apha,” watsho.  
UZhoola waphinda, “Akukho mntu  
apha.”  
UTota wacebisa, “Jonga  
ngocoselelo!”

UPilloo, ibhere elincinane  
wapapasha, “Ndifumene igumbi!”







“Ndifumene ujingi,” wachaza uDheema.

Zintoni ezi ziqobo?”

UDarpok wafuna ukwazi.

“Yintoni le?”

Yayingumbuzo kaZhoola.

UPoorakha wacacisa, “Ndiyakholwa ukuba yipensile le.”

UMota noLambo bafumana igumbi lokufundela.

Babiza abanye, “Jonga, yintoni le!”

Wonke ubani weza nobhaka.

Baqalisa ukukhwaza, “Titshala!  
Titshala!

Uphi utitshala wethu??”  
Akwabikho waziyo.







Baza beva umgqumo.

Beva umgqumo omkhulu.

Beva umgqumokazi.

UPoorakha wakhathazeka.

UDeema woyika.

UTota wazimela emva kwebhodi.

ULambo noZhoola babedidekile.

Ngubani lo?

“Hupu! Watsho uZhoola inkawu.

Akwatheha nomnye.

Bonke bajonga kutitshala.

Phezulu naphantsi ngocoselelo.

Baza bajongana omnye nomnye.





Utitshala wajika ukuba abhale ebhodini.  
“Xhuma,” watsho uZhoola.  
“Bhabha!” watsho uTota.  
Ngqe-e, ngqe-e, ngqe-e, wabaleka uMota.  
“Baleka, baleka, baleka, ngokukhawuleza,” wakhwaza uDheema.  
“Bhagoooo,” bakhwaza bonke ngexesha elinye.  
Wathi akujika utitshala...  
Kwakungekho nomnye eklasini.

# Isikolo sasehlathini

Writer: Madhav Chavan and Meera Tendolkar

Illustration: Ketan Raut

Translated By: Ntombizodwa Gxowa-Dlayedwa

Language: isiXhosa

© Pratham Books, 2014



This work is licensed under a Creative Commons Attribution  
(CC-BY) Version 3.0 Unported Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.



**PRATHAM  
BOOKS**

A Book in Every Child's Hand

Pratham Books is a not-for-profit organisation that publishes books in multiple Indian languages to promote reading among children. See [www.prathambooks.org](http://www.prathambooks.org).

**Saide**   
South African Institute  
for Distance Education

[www.africanstorybook.org](http://www.africanstorybook.org)  
A Saide Initiative